Umntwana uhamba nomakhulu wakhe, baya ecaweni. "Ecaweni, umakhulu bambiza ngokuba ngumfundisi. Ayikholeleki! Umakhulu unegama elitsha – umfundisi. Ecaweni umakhulu ufunda ibhayibhile aphinde acule kunye nebandla.



Ngoku sisuka ecaweni nomakhulu, siyahamba siya esikolweni. Esikolweni, umakhulu ubizwa ngokuba ngutitshalakazi. Ayikholeleki! Umakhulu unegama elitsha, nguTitshalakazi. Esikolweni, umakhulu ufundisa abafundi ukufunda, ze bona abafundi bafundele utitshalakazi.



Ngoku, mna nomakhulu sisuka esikolweni, siya evenkileni. Evenkileni, umakhulu bambiza ngokuba ngumthengi. Ayikholeleki! Umakhulu ngoku unegama elitsha, Umthengi. Evenkileni, umakhulu uthenga iilekese, isonka, umgubo wombona, isipinatshi, inyama kunye neti.



Ngoku, mna nomakhulu sisuka evenkileni siya kutyelela umakhulu uNogengile ongumhlobo kamakhulu. Sithe sakufika kwamakhulu uNogengile, umakhulu wabizwa ngokuba ngusiyazi. Umhlobo wakhe uthi umakhulu ungumntu oxela okuza kwenzeka kuba xa ethe ngomso kuza kuna imvula, iyana nyhani. Umakhulu uyakwazi ukuqikelela into eza kwenzeka.



Ngoku, mna nomakhulu sisukakwamakhulu uNogengile siya emtshatweni. Emtshatweni, umakhulu ubizwa ngokuba nguNonkazimlo welali yethu. Ngemini yakhe yomtshato, umakhulu wayenxibe ilokhwe entle enezinto ezimenyezelayo. Emtshatweni wakhe umakhulu, waviwa exelela abantu ukuba yena ufana nelanga kwilali yakhe.




Ngoku, mna nomakhulu sisuka emtshatweni siyagoduka. Xa sifika elalini wonke umntu ubiza umakhulu ngokuba nguMhlali. Eli ke igama walifumana mhla waxelela abantu belali ukuba abazali bakhe ngabantu bokuqala ukuhlala kuloo lali. Abantwana baqalisa bacula ingoma: "Umhlali—oyena mhlali ufikile ekhaya."



Umakhulu ubhala iincwadi ezimalunga namagama akhe onke. Ndifunda iincwadi ezibhalwe ngumakhulu. Ngenye imini ndathi ndisafunda, ndabona abahlobo bam bedlala. Ndaye ndagqiba ukuba khe ndizibeke iincwadi ndiye kudlala nabahlobo bam.



“Ncedani! Ziphi iincwadi zikamakhulu wam? Iincwadi zikamakhulu wam zinyamalele. Ncedani! Abantu bazibile iincwadi zikamakhulu wam. Ndicela uncedo; naba abantu bebalekaneencwadi zikamakhulu wam.”



Umakhulu wam unomsindo.
Kudala endixelelela ukuba umntu akakwazi ukufunda ze aphinde adlale.
Akwaba bendimmamele umakhulu, ngoku iincwadi zinyamalele.
Umakhulu uthi mandizikhangele de ndizifumane.



Intliziyo yam yaba buhlungu kakhulu, ndacinga ukuba ndiye phezu kwentaba kuba yayingathi ndiza kuwa. Ndeva umntu endibamba, endikhusela ukuba ndingawi ndenzakale. Ndalaqaza ze ndabona umakhulu wam eziphethe zontandathu iincwadi. Sawolana waze umakhulu wagxininisa kwakhona into awayeyithethile kum: kufuneka kubekho ixesha lokufunda nexesha lokudlala.



